INkampani yoBugcisa oBudlalwayo yaKwaZulu-Natala
Yabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kuTshazimpuzi ngo-2003, PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

THE PLAYHOUSE COMPANY
ISIMEMO SEZICELO – ISALATHISI PHC 52/2017

UKUTSHINTSHWA KWE-PABX SYTEM E-PLAYHOUSE COMPANY, ETHEKWINI

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe ngokweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko ka-1988, ukuze ikhuthaze uBugcisa neNkcubeko KwaZulu-Natala.

IPlayhouse Company imema abaniki-zinkonzo abafanelekileyo nabanamava ukuba bafake izicelo zokutshintsha iPABX System kwii-ofisi zeli ziko ezizinze eThekwini.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka, phakathi kwezinye izinto oku kulandelayo*:*

- Ukucebisa ngePABX System efanele iimfuno zePlayhouse Company;
- Ukutshintsha iPABX Hipath 3000 ekhoyo kuze kufakelwe iPABX System entsha nephuculiweyo eza kuquka iNkqubo yoLawulo lweMinxeba kunye noshicilelo lwelizwi (iVoicemail);
- Ukutshintsha iziseko zokusebenza ezikhoyo (iiseva zePABX);
- Ukumilisela *iswitchboard* kunye noqeqesho.

Iinkcukacha ezithe vetshe malunga nomsebenzi oza kwenziwa zifumaneka kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Izinto eziyimfuneko ukuze ukulungele ukuchongwa zidweliswe apha ngezantsi:
• Ukubhalisa kuVimba onguNdoqo weeNkcukacha zabaNiki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D)
• Kunyanzelekile ukuba ube naso isiqinisekiso sokuhlawulwa kwerhafu esisemthethweni okanye i-*pin* ekhutshwe ngabakwaSARS;
• 3 years audited Financial Statements;
• Izicelo mazisiwe ngqo kule dilesi ikhankanywe apha ngasentla;

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwiofisi eyintloko yePlayhouse Company ekule dilesi, 29 Acutt Street ukusukela ngentsimbi ye-10h00 ngomhla we-**19 kwekaCanzibe ngo-2017.** Kufuneka kuhlawulwe umrhumo oziinkozo ongabuyiswayo ongama-R350 kuMnu. Sudesh Harilal (umnxeba. 9443) ukuze lufumaneke uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza iza kubanjwa ngomhla we-**26 kwekaCanzibe ngo-2017 ngentsimbi ye-10h00 kusasa** ePlayhouse Company, kule dilesi 231 Anton Lembede Street, Durban.

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwezicelo ngowe**-19 kweyeSilimela ngo-2017 ngentsimbi ye-11h00**. Azisayi kuqwalaselwa izicelo ezifike emva kwexesha. Izicelo mazifakwe kwimvulophu/ipasile etyiniweyo zibhalwe ngokucacileyo ukuba ziya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Imibuzo ngokubanzi mayijoliswe ku*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kwi-imeyili ethi accountingassistant@playhousecompany.com